uRhulumente weNtshona Koloni
UBAMBISWANO NGAMANDLA.

ISAZISO
ESIBALULEKILEYO

ISEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO IKHWELO LOKUTYUMBA IBHUNGA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

Uluntu luyamenywa ukuba lutyumbe abantu abaza kuba ngamalungu e eBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni elingugunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli wephondo, isithuba esingangeminyaka emithathu.

ILifa leMveli leNtshona Koloni linoxanduva lokukhusela, ukukhuthaza nokulawula izibonelelo zelifa lemveli zeNtshona Koloni.

Igunya leli Bhunga limiselwe nguMthetho i-National Heritage Resources Act, 1999 (uMthetho 25 ka-1999) kunye noMthetho i-Public Finance Management Act, 1999 (uMthetho 1 ka-1999).

IZINTO EZIFUNEKAYO:
Abatyunjwa kufuneka ukuba –

(a) babe ngabemi boMzantsi Afrika

(b) babe ngabemi beNtshona Koloni abasisigxina

(c) babe nolwazi, iziqinisekiso zemfundo, amava nomdla kwimiba enxulumene nolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli.

Amalungu eBhunga aza kumiselwa ngu-MEC, izino zisenzelwa elubala, kungafihliswa, kuqinisekiswe nokuba uluntu lwaseNtshona Koloni lumelwe ngokufanelekileyo ngokwe.

Iifomu zotyumbo zifumaneka kule webhusayithi ilandelayo ithi **www.westerncape.gov.za** okanye kuNksk Nuraan Vallie kuleimeyili ithi **Nuraan.Vallie@westerncape.gov.za**.

Iinkcukacha zotyumbo mazibhalwe kwifom le imiselweyo ze zithunyelwe kule dilesi ilandelayo, ze zifike kwiSebe ingabethanga intsimbi yesi-16:00 **19 April 2016**.

Mazibhalwe ukuba zithathelwe ingqalelo nguNks Nuraan Vallie, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, Private Bag X9067, Cape Town, 8000
kuMgangatho wesi-3, kwiSakhiwo iProtea Assurance, eGreenmarket Square, eKapa, 8000

URHULUMENTE WEPHONDO LENTSHONA KOLONI

IKOMITI YEPHONDO LENTSHONA KOLONI YAMAGAMA EENGINGQI IKHWELO LOTYUMBO

Abantu abanomdla nabazibandakanya kumbandela wamagama eengingqi, ulwimi kunye nenkcubeko yoluntu lwaseNtshona Koloni bayamenywa ukuba batyumbe abantu abafanelekileyo ukuba babe ngamalungu eKomiti yaMagama eeNgqingi yePhondo leNtshona Koloni. Ikomiti le iza kuhlala ixesha elingangeminyaka emithathu. Abatyunjwa kufuneka babe ngabemi boMzantsi Afrika, babe neminyaka engama-21 nangaphezulu ubudala kwaye babe ngabemi beNtshona Koloni abasisigxina.

Umsebenzi weKomiti yaMagama eeNgqingi yePhondo leNtsona Koloni kukucebisa iBhunga laMagama eeNgingqi eMzantsi Afrika (SAGNC) ngemiba ephathelene namagama eengingqi – oko kubandakanya ukuqingqwa kwawo, ukuqinisekiswa, iinguqu notshintsho kulawo magama eengingqi sele ekho. Abatyunjwa kufuneka babe nolwazi okanye ubugcisa obubodwa kwezi nkalo zilandelayo:

- ijiyografi / uzobo lweemephu
- Ubhalo-magama (iisistim zopelo lwamagama)
- Ulwimi nenzululwazi ngelwimi (ubugcisa kwiilwimi ezintathu ezisemthethweni zeNtshona Koloni)
- INkcubeko yeLifa leMveli, ezeMbali nezoKhenketho

Amalungu asebenza kwikomiti le i-WCPGNC awafumani mivuzo kuphela afumana isibonelelo ngeentlanganiso aze kuzo. Abahlali abanqwenela ukutyumba abantu abafanelekileyo ukuba babe yinxalenye ye-WCPGNC kufuneka bagcwalise ifom emiselweyo yokutyumba ibe nezi nkcukacha zilandelayo:

a) Igama elipheleleyo lomtyunjwa, idilesi, inombolo yomnxeba kunye nedilesi ye-imeyili

b) Iinkcukacha zobomi okanye i-CV yomgqatswa engqina ukuba ubulungele ubulungu be-WCPGNC

c) Amagama neenkcukacha zoqhagamshelwano zomtyumbi /iziko elingutyumbi

Awasayi kwamkelwa amagama abatyunjwa angeniswe zingekho zonke ezi nkcukacha zingundoqo zingentla apha. Iifom zotyumbo zifumaneka ku-Anita van der Merwe kule nombolo yomnxeba ithi 021 483 9721 OKANYE kule imeyili Anita.VanDerMerwe@westerncape.gov.za

UMHLA WOKUVALA: NGUMVULO: TUESDAY, 19TH April 2016